



It starts with a story...

Invest in your children!

We all have hopes and dreams for our children – that they will live happy, healthy and successful lives. And we know that achieving these dreams takes effort on our part.

The wisest investment we can make in our children is to give them our time – to listen to them, to talk together and to do things together. All of these things happen quite naturally when we spend even a short time each day telling and reading stories together. When we share stories with children we help to expand their world and we build a firm foundation for their futures. How about investing in your children in some of these ways?

Read in their mother-tongue. Reading stories in your mother-tongue makes reading easier and more enjoyable. Try our growing collection of stories in a range of South African languages on the Nalibali website (www.nalibali.org) or mobisite (www.nalibali.mobi).


Read what they love. For children to love reading, and to want to read every day, they need to enjoy what they are reading! Some children may like real-life stories while others like fantasy. In fact, developing an interest in reading particular types of books is a sign that your child is maturing as a reader. So, whatever sparks their interest, let them read it!

Read printed books. Young children learn a great deal through their senses. It is therefore very important for them to have the experience of touching and holding printed books and turning their pages. After all, nothing beats the feeling of curling up together with a book.

Read on their cellphones. Twenty-nine million South Africans use cellphones! For older readers and teens, this technology is especially exciting, and

being mobile means that they can read at any time – at home, or on the way to and from school.

Whatever it takes, get your children reading every day and help them find material that interests them. Once you have helped them to unleash the power of reading in their lives, no one can take this magical gift away from them! Plus you'll have the satisfaction of knowing that you have invested very wisely in their futures.



Zinikele ebantwaneni bakho!

Xa sisonke sinamathemba namaphupha amahle ngabantwana bethu – okokuba baya kuphila ubomi bolonwabo, obusempilweni nobempumelelo. Kwaye siyazi ukuba ukuze bawaphumeze la maphupha kufuneka senze imigudu kwelethu icala.

Esona sichumiso sinokusinika abantwana bethu lixesha lethu – sibamamele, sithethe nabo senze nezinto kunye nabo. Zonke ezi zinto ziyazenzekela ngokwendalo xa sichitha ixeshana nje elifutshane nabo ngemini, sibabalisela okanye sibafundela amabali. Xa sisabelana ngamabali nabantwana, sibanceda ukwandisa imida yolwazi lwabo kwaye sakha nesiseko esiluqilima sekamva labo. Kunganjani xa usakha isiseko esiluqilima sekamva labantwana bakho ngezinye zezi ndlela zilandelayo?

Ukufunda ngolwimi lwabo lwasekhaya. Ukufunda amabali ngolwimi lwakho lweenkobe kwenza ukufunda kube lula kwaye ukonwabele nangakumbi. Khawuzame le ngqokelela yethu yamabali eya isanda, nengeelwimi eziliqela zaseMzantsi Afrika kwiwebhusayithi yethu yeNalibali (ku-www.nalibali.org) okanye

kwimobhisayithi (ku-www.nalibali.mobi).

Ukufunda abakuthandayo nabanomdla kuko. Ukuze abantwana bakuthande ukufunda kwaye bafune ukufunda yonke imihla, kufuneka ibonwabise loo nto bayifundayo! Abanye abantwana bangathanda amabali awehla kubomi bokwenyani lo gama abanye banokuthanda amabali azintsomi nemilingo. Eneneni, ukukhula komdla wokufunda iincwadi ezithile luphawu lokuba umntwana wakho uyakhula njengomfundi. Ngoko ke, bavumele ukuba bafunde oko kuvuselela umdla kubo.


Ukufunda iincwadi eziprintiweyo. Abantwana abancinane bafunda kakhulu ngokusebenzisa izivi zabo. Ngoko ke, kubalulekile kubo ukuba bazibambe iincwadi eziprintiweyo kwaye bawatyhile amaphepha azo. Kakade, abukho ubumnandi obugqitha ukuzisonga kunye nencwadi oyithandayo.

Ukufunda kwiiselula zabo. Izigidi ezingamashumi mabini anesithoba zabemi baseMzantsi Afrika zisebenzisa iiselula! Kubafundi abadala kunye nabafikisayo, obu buchwepheshe buyachulumancisa kwaye ukuba neselula kuthetha ukuba ungafunda nanini na – ekhaya, endleleni eya nevela esikolweni.

Invest in a child on Youth Day – read a story together!

Zinikele ebantwaneni bakho ngoSuku loLutsha – fundani ibali kunye!

Nokuba kujanani na, zama ukuba abantwana bakho bafunde yonke imihla kwaye bancede bafumane abanokukufunda nabanomdla kuko. Usakuba ubancedile wababonisa indlela yokuvulela amandla okufunda ebomini babo, akukho namnye onakho ukusithatha eso siphosobugqi kubo! Kananjalo, nawe uyakwaneliseka kukwazi ukuba uwulungiselele ngobulumko umhl'ozayo ebomini babo.



Drive your
imagination

Read to me. Explore a story.
Ndifundele. Masichubelane ngebali.





Story stars

Leading by example



Ziyaad Abdurahman, from Hanover Park in Cape Town, is a 24-year-old who is passionate about empowering others. He is also the author of the novel, *Gain friends, Lead people, Be a hero*. We spoke to Ziyaad about what motivates him.

When did you start writing?

I started in Grade 1. I made up all kinds of stories and wrote anything I could. During high school, I experimented with rhyme by writing rap and poetry.

Why did you write your book?

I want to share the knowledge I have. I'd like everyone to learn how to treat people in a kind and ethical way. I hope it will inspire people to help themselves by helping others.

What do you like to read?

I'm a regular reader of non-fiction books. I read anything that will improve my knowledge. This is because the more you know, the better and easier your life becomes.

How are you sparking a love of reading in others?

I've launched a literacy programme for Grade 7 learners in Hanover Park through my marketing company, Mazlo Corp. It encourages young people to read and write for enjoyment, while improving their basic literacy skills. It's very important to provide young people with reading material that interests them, outside of school, so that reading does not seem like a chore.

What advice would you give budding writers?

If you want to write your own book, stop talking about it and actually do it. It's easier than you think it is! Only you are stopping yourself from writing.



Pic: Anton Scholtz

Ziyaad Abdurahman

Iimbalasane zamabali

Ukubonisa umzekelo omhle woko ukwenzayo

UZiyaad Abdurahman, ovela eHanover, Park eKapa, unama-24 eminyaka kwaye uthanda kakhulu ukuxhobisa abanye. Usekwanguye nombhali wenoveli esihloko sithi, *Gain Friends, Lead people, Be a Hero*. Sithethe noZiyaad malunga nokuba yintoni emkhuthazayo.

Waqala nini ukubhala?

Ndaqala kwiBanga loku-1. Ndandibalisa zonke iintlobo zamabali kwaye ndandibhala nangantoni na endinakho ukubhala ngayo. Ngexesha ndifunda kwisikolo samabanga aphezulu, ndazama ucengcelezo ngokubhala umculo werap kunye nemibongo.

Kutheni ubhale incwadi?

Ndifuna ukwabelana nabantu ngolwazi endinalo. Ndingathanda ukuba wonke ubani afunde indlela yokuphatha abantu ngobubele nangendlela efanelekileyo. Ndithemba ukuba le ncwadi iza kuvuselela abantu bazincede ngokuthi bancede abanye.

Uthanda ukufunda ntoni?

Ndiqhele ukufunda iincwadi ezingezizo iintsomi. Ndifunda nantoni na enokuphucula ulwazi lwam. Oku kungenxa yokuba xa usazi ngaphezulu, ubomi bakho buba ngcono kwaye bube lula.

Uluvuselela njani uthando lokufunda kwabanye?

Ndisungule inkqubo yelitheresi yabantwana beBanga lesi-7 eHanover Park, oko ndikwenza ngenkampani yam yokuthengisa, iMazlo Corp. Ikhuthaza abantu abatsha ukuba bafunde kwaye babhalele ukuzonwabisa lo gama bephucula izakhono zabo ezisisiseko zelitheresi. Kubaluleke kakhulu ukubonelela abantu abatsha ngezixhobo zokufunda abanomdla kuzo, ngaphaya kwamasango esikolo, ukuze ukufunda kungabonakali njengomsebenzi.

Ungabacebisa uthini ababhali abasakhasayo?

Ukuba ufuna ukubhala incwadi yakho, yeka ukuthetha ngayo koko yibhale. Kulula kunokuba ucinga! Nguwe nje kuphela ozinqandayo ekubhaleni incwadi yakho.

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference. To nominate a Story Star, visit www.nalibali.org/story-stars.



* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars

Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iimbalasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya ezizininikwa ngembeko nangoncedo lwabakwaWimpy ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo. Ukonyula imbaldasane yamabali, ndwendwela ku-www.nalibali.org/story-stars.

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars

Reading club corner

Do the children at your club ask you for advice about which books to choose? Let everyone at the club help with this by creating a book wall. Book walls are a great way to get children talking about books! Here's how:

1. As the children read books they enjoy, ask them to write the title of the book, its author and their name on a slip of paper. (You can do this too for the books you enjoy!)
2. Display all the slips of paper on a wall of your reading club venue.
3. When children are looking for a book to read, encourage them to look for a title that interests them on the book wall.
4. Suggest that they speak to the child who wrote down the title to find out more about the book.

Ikona yeklabhu yokufunda

Ingaba abantwana beklabhu yakho bacela ubacebise ukuba zeziphi na iincwadi abanokuzikhetha? Vumela wonke umntu kwiklabhu yakho ukuba ancedise koku ngokwenza udonga lweencwadi. Iindonga zeencwadi yindlela enomdla kakhulu yokwenza abantwana ukuba bathethe ngeencwadi! Nazi iindlela zokwenza oko:

1. Lo gama abantwana befunda iincwadi abazonwabelayo, bacele ukuba babhale isihloko sencwadi leyo, umbhali wayo kunye negama lomntwana lowo kwiphethshana. (Nawe ungakwenza oku ngeencwadi ozonwabelayo!)
2. Xhoma onke loo maphethshana edongeni lweklabhu yakho.
3. Xa abantwana bekhangele incwadi yokufunda, bakhuthaze ukuba bakhangele isihloko abanomdla kuso kudonga lweencwadi olo.
4. Bacebise ukuba bathethe nomntwana obhale esi sihloko sencwadi ukuze bafumanise ngakumbi ngeencwadi leyo.

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
 2. Fold it in half along the black dotted line.
 3. Fold it in half again.
 4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



Umoza uyithyalele phezu komlambokazi iZambezi, yaze yazibhijabhija ukunquma iZambia nezimbabwe. Ikhayithi isinde cebetshu ekumanziseni nguMisi oGqumayo, okanye iMost-oa-Tunya. Eli ligama elisetyenziswa ngabantu basezimbdabwe xa bebiza iVictoria Falls, ezona ngxangxasi zinkulu eAfrika.


The wind swept the kite over the great Zambezi River, which snakes its way across Zambia and Zimbabwe. The kite narrowly escaped being soaked by the spray of the Smoke that Thunders, or Most-oa-Tunya. This is the name the Zimbabweans use for the Victoria Falls, the largest waterfall in Africa.



Fold

Inqumle iOrange River yabhabha phezu kwesanti ebomvu yeNamib Desert yaseNamibia. Iingquzu zentlaba (dunes) eNamib zezona zinde kwihlabathi lilonke iikelele. Amacilikishe namaquungequ (geckos) atshona phantsi kwesanti xa ebdleka ingazi naxa efuna ukuzigcina epholile. Ikhayithi ibhabhe phezu kwekalahari, intango apho abatswana bacinga ukuba yeyona ndawo inxanliweyo okanye yeyona ndawo ingenawo amanzi.

It crossed the Orange River and flew over the red sands of the Namib Desert of Namibia. The Namib's dunes are the tallest in the world. Lizards and geckos dive under the sand to escape danger and to keep cool. The kite flew over the Kalahari, the desert the Batswana people think of as the thirsty or waterless place.




We publish what we like

This is an adapted version of *A Kite's Flight*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ukubhabha kweKhayithi*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Fold




Suddenly, a burst of wind tugged at the kite and the string broke. Friendly hands on the beach tried to grab the string and rescue Andile's kite.

But the wind lifted it higher and higher into the sky. It rose above the cable car and disappeared beyond Table Mountain. The kite flew away from Andile and his papa.

Ngephanyazo, kuthle gqi umoya omkhulu oyitsale ngamandla ikayithi, waqhawuka umtya. Abantu abanobubele elwandle bazamile ukubamba umtya nokusindisa ikayithi kaAndile.

Kodwa umoya uyintingisela phezu kakhulu esibhakabhakeni. Inyuke kakhulu yadlula ikhetshi yasantbeni yaze yasithela ngaphaya kweNtaba yetafle. Ikayithi intingele kude kakhulu kuAndile notata wakhe.



One summer morning, when the sun was beginning to spread its warmth across the clear, blue African sky, Andile asked his papa, "Are you busy now?"

"Mmm," said his papa. "Why do you ask?"

"Because you promised you would help me build a kite," said Andile hopefully.

"Yes, great idea," said his papa, putting aside the newspaper he was reading.

Kwintsasa ethile yehlobo, xa ilanga liqalisa ukusasaza ubushushu balo kwisibhakabhaka esicwengileyo saseAfrika esiluhlaza, uAndile ubuze utata wakhe, "Ingaba usaxakekile tata?"

"Mmm," utshilo utata wakhe. "Kutheni ubuza?"

"Kaloku ubundithembisile wathi uza kundincedisa senze ikayithi," utshilo uAndile enethemba.

"Ewe, kuhle oko," watsho utata wakhe ebekela bucala iphephandaba ebelifunda.



Inkwenkwana encinci egama linguAhmad yayihamba notata wayo ngaselwandle xa bebona ikayithi ivele kancinci esantini.

Le nkwenkwana ithathe ikayithi ngononophelo. Imangalisiwe kukuba inoba ivela phi na, ngubani owayenzayo nokuba ihambe kangakanani na.

UAhmad ubuze utata wakhe, "Singayilungisa?"

"Mmm, singazama," uphendule watsho utata wakhe.

"Ewe! Masiyenze!" ukhwaze njalo uAhmad. UA Ahmad notata wakhe bobabini balungise ikayithi. Kungekudala ibisele ilungele ukubhabha kwakhona ...

Umoya uyithhalele ikayiti kaAndile ngasentshona ukunquma imiphuzulu yemithi iCongo Basin, ikhaya kubantu abafutshane kakhulu iPygmies, kwakunye neegoria zasezintabeni endle neokapi (silwanyana esinqobileyo esifana neqwarhashe).



The wind blew Andile's kite westwards across the tree tops of the forests of the Congo Basin, home to tribes of pygmies, as well as the wild mountain gorilla and the okapi.



A light breeze lifted the kite over the Atlantic Ocean. Passers-by looked admiringly at the kite. One or two asked to hold it for a while. A beaming Andile allowed them to do so. "Should we let it go higher, Papa? Higher than the clouds?" asked Andile. "If it goes too high we won't be able to see it. We also don't have enough string," said his papa. Umoyana ongephi uyonyusele ikayiti phezu kweAtlantic Ocean. Abantu abadlulayo bayibukele ngocuningo le kayiti. Abanye bacele ukuba bakhe bayibambe kancinci. UAndile, ebebobotheka luncumo, ubavumele ukuba bayibambe. "Siyikeke ibhabhe phezu lita? Ngaphaya kwamafu?" ubuzile uAndile. "Ukuba ibhabhe phezu lita, asobe sikwazi ukuyibona. Asinawo nomtya owoneleyo wokwenza oko," utshilo utata wakhe.

A strong desert wind shook it loose and carried it away. Suddenly, the wind stopped and the clouds cleared. The kite fell on the beach sand of the Mediterranean Sea, on the northern tip of Africa. The kite was ragged and tattered and looked very different to the one that Andile and his papa had made.

A little boy called Ahmad was walking with his papa on the beach when they saw the kite lying half buried in the sand.

The boy carefully picked up the kite. He wondered where it had come from, who had made it and how far it had travelled.

Ahmad asked his papa, "Can we fix it?"

"Mmm, we could," replied his papa.

"Yes! Let's do it!" shouted Ahmad. And so together Ahmad and his papa fixed the kite. Soon it was ready to fly again ...

Umoya onamandla wasentlango uyishukumisile, yabhabhela kude.

Ngephanyazo, umoya waphela tu namafu aphela. Ikhayiti iwele kwisanti yolwandle iMediterranean Sea, kwincam esemantla eAfrika. Ikhayiti yayidlakadlaka, ijacekile ikwabonakala yahluke kakhulu kuleyo yayenziwe nguAndile notata wakhe.



"What do we need to make a kite, Papa?" asked Andile.

"Let me see. We need paper, two sticks, glue and tape," said Papa.

"Oh, we can use your newspaper and some of Mamma's string," suggested Andile.

"We've got bamboo sticks in the garden. The driest ones will fly the best," said his papa.

After eagerly cutting, pasting and taping, their kite was ready to fly.

"Kufuneka ntoni xa sisenza ikayiti, Tata?" ubuzile uAndile.

"Khawuthi ndibone. Kufuneka sibenephepha, amakhunana amabini, iglu neseloteyiphu," utshilo uTata.

"O, singasebenzisa iphephandaba lakho kunye neminye kwimitya kaMama," ucebise njalo uAndile.

"Sinemithana yoswazi ekhoyo phaya egadini. Eyomileyo yeyona iya kubhabha ngokulula," utshilo utata wakhe.

Emva kokusika nokuncamathisela okuninzi, ikayiti yabo yayilungele ukubhabha.



Papa held the kite in one hand and the string in the other. As he ran, he rolled out the string and then released the kite into the air.

Before long it was soaring above the beach. Papa handed the flying kite to Andile, who held it steady. It wasn't long before the kite flew above the tallest buildings lining the beach.

Uta ubambe ikayiti ngesinye isandla, wabamba umtya ngesinye. Ngexa ebalaka, uwulile umtya waze wayiyeka ikayiti emoyeni.

Kungekudala, ikayiti intingele phezu ecaleni kolwandle. Uta unike uAndile ikayiti waze uAndile wayibamba yazinza ngezandla zakhe. Akubanga kudala, ikayiti ibhabhe phezu kwezona zakhiwo zide ngaselwandle.



They ran off to the beach to fly their new kite. It was a perfect day. The wind was neither too strong nor too weak – just the kind that would give a kite a lift.

“Will our kite fly, Papa?” asked Andile.

“We won't know until we've given it a try,” said his papa.

Babalekile ukuya ngaselwandle beyokubhabhisa ikayiti yabo entsha. Yayiyimini ezolileyo. Umoya wawungaphephezeli kakhulu okanye kancinci – yayingumoya nje onokonyusa ikayiti.


“Ingaba iya kubhabha ikayiti yethu, Tata?” ubuzile uAndile.

“Asobe sikwazi oko ngaphandle kokuba sizame ukuyibhabhisa,” uphendule uTata wakhe.



The kite's string got caught in a groove of one of Egypt's ancient pyramids. For days and nights the kite flew from the top of the pyramid and was watched by the camels.

Umtya wekayiti ubambeke emgceni wenye yeephiramidi zakudala zaseYiphutha. Imini nobusuku, ikayiti ibhabhe kwinkcochoyi yephiramidi, ibukelwe ziinkamela.



Ikayiti ibhabhe phezu kwamahlathi nemigxobhozo yamazantsi esudan apho iintaka ezininzi zichithela khona ubusika. Emva koko inqumle iNtango Isahara enkulu kakhulu esudan. Isaqhwithi sothuli siithyale yaqhabalaka ukunthenga phezu komlambo iNile, ekugqibeleni yafika eEgypt.

The kite flew on over the forests and wetlands of Southern Sudan, where many birds spend their winters. Then it crossed the enormous Sahara Desert in Sudan. A dust storm pushed it faster and further along the mighty Nile River and finally, into Egypt.

Fold



Get story active!

After you and your children have read *A Kite's Flight*, try out some of these ideas.

- Andile and his father enjoy spending time together. Discuss the things that you enjoy doing together as a family.
- With older children, trace the kite's journey using the information in the story and a map of Africa in an atlas.
- Re-read the story together, looking closely at the pictures and thinking about each of the places mentioned. Discuss what you think these places might be like. Suggest that your children draw a picture of themselves visiting one of the places.
- Make your own kite! You will need: a rubbish bag, two thin sticks (long twigs, skewers taped together, garden stakes), string, scissors, tape.
 1. Lay the rubbish bag on the floor or table.
 2. Lay one stick across the other on top of the bag. Make sure that they cross like in the letter **t**.
 3. Tie the sticks together tightly by wrapping the string around where they cross and then tying a knot.
 4. Cut the bag in a diamond shape. Make sure that the diamond is a bit bigger than the frame you have created with the sticks.
 5. Tape the bag tightly to the four ends of the sticks.
 6. Tie a long piece of string to the stick frame.
 7. Cut the pieces of rubbish bag left over into strips. Tape them to the bottom of the kite.



Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi, Ukubhabha kweKayiti, zama ezi nginga.

- UAndile kunye notata wakhe bayakonwabela ukuchitha ixesha kunye. Xoxani ngezinto enikonwabelayo ukuzenza neetsapho zenu.
- Ukuba ukunye nabantwana abadala, landani umkhondo wohambo lweKayiti nisebenzisa iinkcukacha ezisebalini kunye nemephu yeAfrika eseatlasini.
- Phindani nifunde ibali, nijongisisa imifanekiso kwaye nicinga ngendawo nganye ekuthethwa ngayo ebalini. Xoxani ngokuba nicinga ukuba zinjani ezi ndawo. Cebisa abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso wabo bendwendwele enye yezi ndawo.
- Zenzele eyakho ikayiti! Uza kudinga: ingxowa yokufaka inkunkuma, izinti ezimbini (amaseyana amade, izinti ezifakwa enyameni ezidityaniswe ngeseloteyiphu, izinti zasegadini) umtya, isikere neseloteyiphu.
 1. Yandlala ingxowa yokufaka inkunkuma emgangathweni okanye phezu kwetafle.
 2. Beka olunye uluthi phezu kolunye lwenze umnqamlezo phezu kwengxowa yenkunkuma. Qinisekisa ukuba izinti zenze umfuziselo kanobumba u-**t**.
 3. Zibophe zombini izinti ziqine ngokubhijela umtya apho zidibana khona uze wenze iqhina.
 4. Sika ingxowa yenkunkuma ibe kumila kunjengedayimani. Qinisekisa ukuba ingxowa leyo uyisikileyo inkudlwana kunesakhelo sezinti osenzileyo.
 5. Ncamathelisa ingxowa ngokuqinileyo kwiikona zone zezinti.
 6. Bophelela umtya omde kwisakhelo sezinti.
 7. Sika iintsalela eziseleyo zengxowa zibe yimicu. Zincamathelise ngeseloteyiphu ngasemazantsi ekayiti.

Celebrating our fathers!

Each year in June, we celebrate how important good fathers are. Follow the instructions to make a card for your dad or the father-figure in your life!

Make a Father's Day card

1. Cut out the card by cutting along the red line.
2. Fold the card along the dotted black line.
3. Glue the two parts together.
4. On the side with the picture, write a message to the person you will give the card to. Colour in the picture.
5. On the other side, draw a picture of you and this person together, or write a poem or longer message.



Ukubhiyozela ootata bethu!

Kunyaka ngamnye kwinyanga yeSilimela, sibhiyozela indlela ababaluleke ngayo ootata. Landela imiyalelo yokwenza ikhadi ulenzela utata wakho okanye umntu othile omthatha njengotata wakho!

Yenza ikhadi loSuku looTata

1. Likhuphe ikhadi ngokusika kumgcana obomvu.
2. Lisonge ikhadi ulandela umgcana ochokozwe mnyama.
3. Dibanisa la macala mabini ngegglu.
4. Kwicala elinomfanekiso, bhala umyalezo oya kulo mntu uza kulinika yena ikhadi. Wufake umbala umfanekiso.
5. Kwelinye icala, zoba umfanekiso wakho kunye nalo mntu uza kulinika yena ikhadi nikunye, okanye ubhale umbongo okanye umyalezo omde.



Story corner

Here is the final part of the story about the lonely man with a very long beard. Enjoy reading it aloud or retelling it.

The lonely tailor (Part 2)

by Derek Wiid

On his way home from the market, Dell saw a little dog at the side of the road. It shivered and shook and looked at him with sad eyes.

"Oh," said Dell, "poor puppy. Are you cold? Are you lost?"

Dell felt so sorry for the little dog that he gave it a piece of bread. The hungry little dog gobbled the bread down and wagged his tail, but still shivered with cold.

Suddenly Dell had the most amazing, incredible, brilliant idea.

"What if I cut off a little piece of my beard and wrap that around you? Would that keep you warm until you find your way home?"

"Woof, woof, woof," said the little dog, as if it understood every word.

So Dell took a pair of scissors and *snip-snip-snip*, cut off a piece of his beard. He wrapped the piece of beard around the puppy and gently tied a knot. It looked just like a tiny jersey. The puppy seemed so happy it could not stop wagging its tail and licking Dell's hand.

Just then Dell heard someone calling. "Pepper! Pepper! Where are you?"

A lady rushed up to Dell and the little dog. "Oh, Pepper, there you are. I've been so worried," she said.

Oh-oh, Dell thought, *she is going to turn away because of my beard*. But she didn't.

"Thank you so much for finding my dog," she said. "My name is Pauline. Ummm ... aren't you Dell the tailor?" she asked.

Dell nodded, but he was worried about what she would say about her dog's new jersey.

"Well, will you look at this?" said Pauline. "What a good idea! Pepper," she said to her dog, "you look so snug and warm." Pepper licked her face happily.

"I am sure there are many little dogs that need snug warm jerseys now that it is winter," she said to Dell. "You could make jerseys for them as well."

And that is just what Dell did. He cut off pieces of his very long beard to make doggy jerseys. Very soon he had a short beard.

Dell the tailor now made new clothes, old clothes into not so new clothes, and lots of doggy jerseys. He also made many new friends. And, of course, Dell had to make clothes for himself too because now he did not have a long beard to keep him warm in winter and cool in summer.



Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Umfanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga nendoda eyayililolo neyayineendevu ezinde. Yonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

Umthungi owayelilolo (Inxalenye yesi-2) ngokubhalwe nguDerek Wiid

Endleleni egodukayo esuka emarikeni, uDell wabona injana encincane ecaleni kwendlela. Yayingcangcazela igodola, imjonge ngamehlo alusizi.

"Owu," watsho uDell, "usizana lwenjanana. Uyagodola? Ulahlekile?"

UDell wayisizela le njanana waze wayinika iqhekeza lesonka. Injana elambileyo yasibimbiliza eso sonka yaze yapitshozisa umsila, kodwa yayisaqhaqazela yingqele.

Ngephanyazo, uDell wafikelwa lelona cebo likrelekrele nelimangalisayo.

"Kunganjani xa ndinokusika umcu kwezi ndevu zam ze ndikusongele ngazo? Ingaba oko kungakugcina ushushu de ufumane indlela yokugoduka?"

"Hawu, hawu, hawu," yakhonkotha yatsho injanana, ingathi iyayiqonda yonke into ayithethayo uDell.

Ngoko ke uDell wathatha isikere wasika umcu kwiindevu zakhe. Wayisongela injanana ngaloo mcu weendevu waza, ngobunono, wenza iqhinana elizakuzibamba ukuze zingakhululeki. Oko kwakhangeleka okwejezana encinane. Le njanana yabonakala ivuya kakhulu kangangokuba yayingayeki ukupitshozisa umsila wayo nokulenca izandla zikaDell.

Kanye kobo buthuba uDell weva umntu ekhwaza esithi, "Pepper! Pepper! Uphi?"

Inenekazi elithile lakhawuleza ukuza kufika kuDell nenjanana. "Owu, Pepper, nguwe lo. Okokoko ndikhathezekile ngawe," litshilo.

"O-o," wazingela uDell, "eli nenekazi liza kuthi lakubona ezi ndevu zam lijike lindishiye apha." Kodwa zange kwenzeke oko.

"Enkosi kakhulu ngokundifumanelainja yam," litshilo. Igama lam nguPauline. Ee ... awungoDell umthungi wempahla?" libuze latsho.

UDell wanqwala, kodwa wayekhathazekile, engazi ukuba liza kuthini na eli nenekazi ngejezi entsha enxitywe yinjanana yalo.

"Wawu, ukhe wayibona ke le?" watsho uPauline. "Icebo elikrelekrele kangaka! Pepper," wabhekisa kwijnanana yakhe, "ukhangeleka uzithe luqe, ufudumele kamnandi." UPepper wamlenca ebusweni ngolonwabo.

"Ndiqinisekile ukuba zininzi izinja ezidinga iijezi ezishushu kamnandi ngolu hlobo kuba kusebusika ngoku," watsho ebhekisa kuDell. "Ungazenzela iijezi ezilolu hlobo nazo."

Wenza loo nto kanye ke uDell. Wasika imicwana kwiindevu zakhe wenzela izinja iijezi. Kwakamsinyane nje zazisele zimfutshane iindevu zakhe.

UDell, umthungi weempahla ngoku wayesenza iimpahla ezintsha, iimpahla ezindala azenze zibe ntshana, kunye neejezi ezininzi zezinja. Kananjalo wafumana nezihlobo ezininzi. Kakade nje, ngoku kwafuneka ukuba azithungele iimpahla naye kuba wayengasenzayo iindevu zokumgcina eshushu ebusika ze zimgcine epholile ehlotyeni.

In your next Nal'ibali supplement:

- Making your reading club a success
- Story Stars: Fundza
- Ideas for your reading club
- A teen read: short stories with a twist to celebrate Short Story Day
- A zigzag book for babies, *Hippo and his friends*

Need more resources? Nal'ibali is here to help! Visit the resource section on www.nalibali.org for posters, bookmarks, checklists and tip sheets which are available in six South African languages! You can also find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA

Find us on your cellphone:
www.nalibali.mobi
Sifumane kwiselula yakho:
www.nalibali.mobi



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukwenza iklabhu yakho yokufunda ibe yimpumelelo
- Iimbilasane zamaBali: Fundza
- Iingcebiso ngokuphathelele kwiklabhu yokufunda yakho
- Okufundwa ngabafikisayo: amabali amafutshane aneziphelo ezingalindelekanga okubhiyozela uSuku lwamaBali amafutshane
- Incwadi emajikojiko yeentsana, *Imvubu nabahlobo bayo*

Ufuna abanye oovimba? UNal'ibali ukho ukuze akuncede! Ndwendwela icandelo loovimba bethu kule dilesi: www.nalibali.org ukuze ufumane iiphosta, izalathisi zeencwadi, iitsheklisi namacwecwe ezikhokelo afumaneka ngeelwimi ezintandathu zaseMzantsi Afrika! Unakho nokusifumana kuFacebook kule dilesi: www.facebook.com/nalibaliSA

